LEARNER NUMBER	

basic education
Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

IIMVAVANYO ZONYAKA NONYAKA KUZWELONKE 2010
IBANGA 3 ILITHERESI - ISIXHOSA

IFANI _____ **ISINI (PHAWULA ☑)** | **INKWENKWE** | **INTOMBAZANA** |

AMAGAMA _____ **IPHONDO** _____

UMHLA WOKUZALWA _____

IGAMA LESIKOLO _____

I-EMIS NO. _____ **ISITHILI / UMMANDLA** _____

Imiyalelo kubafundi:

1. **Funda yonke imiyalelo ngocoselelo.**
2. **Phendula yonke imibuzo kwizikhewu ezinikiweyo.**
3. **Uvavanyo luyimizuzu engama-60 ubude.**
4. **Utitshala uya kukuncedisa ekwenzeni imizekelo ngaphambi kokuba uqalise ukubhala uvavanyo.**

Imizekelo

Umzekelo1

Yenza isangqa kwimpendulo echanekileyo.

Imazi yenkomo
isinika …

a. Isonka samasi.

b. ibhotolo.

c. ubisi.

d. i-ayskrim.

Wenze kakuhle **ngokurhangqela u-c.**

Umzekelo 2

Phawula ☑ igama elichanekileyo kwibhokisi.

llanga liphuma	**eMzantsi**	**eNtshonalanga**	**eMntla**	**eMpumalanga** ✓

Wenze kakuhle ngokuphawula njengasentla.

Umzekelo 3

Ezi zivakalisi zilandelayo zisixelela ngendlela yokwenza ikomityi yeti.

Nombola izivakalisi (1-3) kwiibhokisi ubonise ulandelelwano oluchanekileyo lwendlela yokwenza ikomityi yeti.

a)	Ndigalela amanzi abilayo ekomityini.	**3**
b)	Ndilayita iketile ndibilise amanzi.	**1**
c)	Ndifaka amagqatyana eti ekomityini.	**2**

Wenze kakuhle ngokunombola izivakalisi ezingentla.

Qaphela:

- Kolu vavanyo ke, uya kuphendula eminye imibuzo njengoko uphendule imizekelo engasentla osele uyenzile.
- Zama kangangoko unako ukuphendula yonke imibuzo. nokokuba awuqinisekanga ngempendulo.
- Bhala impendulo ocina okokuba yeyona ilungileyo, uze udlulele kumbuzo olandelayo.
- Xa ugqibile ukubhala ephepheni, dlulela kwelilandelayo.
- Jongana nomsebenzi wakho kuphela.

Uvavanyo luqala kwiphepha elilandelayo.

Funda ibali uphendule imibuzo 1 – 11 elandelayo.

Lusuku lokuqala lukaNosisi esikolweni. Wonwabile kakhulu, kodwa unayo nendawana yokothuka. Bonke abafundi baseholweni apho utitshala omkhulu esamkela khona abafundi abatsha. Ngethamsanqa, umhlobo wakhe omkhulu uNasiphi naye ungomnye wabafundi abafikayo. Bonke abafundi abatsha kuthiwa mabashiyeke eholweni, ngelixa abanye besiya kumagumbi abo okufundela. Utitshalakazi usa abafundi abafikayo kwigumbi lokufundela, apho abayalela ukuba mabahlale phantsi.

UNosisi uhleli ecaleni kukaNasiphi, ovela elalini enye naye. Le nto ke imenza ukuba azive ekhululekile. Eludongeni lweklasi kukho imifanekiso nemizobo emininzi. Injana kaNasiphi, uTiti, imlandele ukuya esikolweni. UNasiphi uzama ngako konke anako ukuyifihla. Oku kuyamothusa kakhulu uNosisi kuba ucinga ukuba utitshalakazi angasuka abagoduse bonke, ngenxa yenjana le. Amakhwenkwe wona akonwabele ukudlala noTiti. Ayayibiza injana, ngeli xesha usizana olunguNasiphi lungakwazi ukuyifihla ncam.

Kuba ilusuku lokuqala, utitshalakazi ugqibe kwelokuba angabi lukhuni kakhulu kubantwana. Uxelela uNasiphi ukuba makayibeke phantsi injana, eze ngaphambili, axelele abanye abafundi ngenjana le: ukuba wayifumana njani, kwaye uyigcina njani na. UNasiphi uyasithanda isilwanyana sakhe, kwaye uyakuthanda ukuthetha ngaso. UNosisi wonwabile, luphelile uloyiko, kuba ubona ngathi utitshalakazi unobubele nobuntu.

1. Ngubani umhlobo osenyongweni kaNosisi?

_____

2. Yenza isangqa kwimpendulo echanekileyo.

Ibali lithetha ngo ...

a. Nosisi nonina.

b. Nasiphi nonina.

c. Ngosuku lokuqala lukaNosisi esikolweni.

d. Nasiphi nekatana yakhe.

3. Bhala amagama ebalini achasene nala alandelayo:

3.1 abadala _____ **(kumhlathi 1)**

3.2 ngasemva _____ **(kumhlathi 3)**

4.1 Yenza isangqa kwimpendulo echanekileyo.

Khetha igama ebalini elichaza utitshalakazi.

a. Wayengakhathali

b. Wayemhle

c. Wayembi

d. Wayenobubele

4.2 Nika isizathu ngempendulo yakho.

_____

_____

_____

5. Phawula ☑ ibhokisi enempendulo echanekileyo.
Ngubani owazama ukufihla injana?

Ngamakhwenkwe.	NguNosisi.
NguNasiphi.	Ngutitshalakazi.

6. Bhala kwakhona isivakalisi esilandelayo uqale ngegama olinikiweyo.
UNasiphi uhamba nenjana.

Izolo

_____

7. Bhala kwakhona isivakalisi esilandelayo uqale ngegama olinikiweyo.
Inja yabalekela esikolweni.

Yonk'imihla

_____

8. Bhala kwakhona isivakalisi esilandelayo uqale ngegama olinikiweyo.
Utitshalakazi uthetha nabantwana.

Ngomso

_____

9. Fakela oonobumba abakhulu neziphumlisi apho kufanelekileyo kwizivakalisi ezilandelayo.

9.1 kwigumbi lokufundela kukho imifanekiso imizobo kunye neencwadi

_____

_____

9.2 unini umhla wokuzalwa kanana

_____

10. Bhala isininzi segama elikrwelwe umgca ngaphantsi kwisivakalisi ngasinye:

10.1 USipho ubulisa ititshala. _____

10.2 UNasiphi uthanda inja. _____

10.3 Inja ihamba nomntwana._____

11. Izivakalisi ezilandelayo zisixelela ngezinto ezenziwa nguNasiphi ngentsasa yemini yesikolo.

Nombola izivakalisi (1-4) kwiibhokisi ozinikiweyo ubonise ukulandelelana kwezi zinto.

a)	UNasiphi udibana nabahlobo bakhe endleleni.	
b)	UNasiphi uyavuka.	
c)	Ulungele ukuya esikolweni ke ngoku.	
d)	Uyahlamba anxibe.	

12. Bhala izivakalisi ezintlanu ngendlela ochitha ngayo ixesha lakho lokudlala esikolweni. Sebenzisa oonobumba abakhulu neziphumlisi apho kufanelekileyo.

_____

_____

_____

_____

_____

_____

_____

_____

_____

_____

Qwalasela le theyibhile ilandelayo uze uphendule imibuzo 13.1 – 13.3

Imisetyenzana yesikolo yabafundi bebanga lesithathu.		
Igama	**NgoMvulo**	**NgoLwesibini**
Nosisi	Uyankcenkceshela.	Uyatshayela.
Nasiphi	Uyatshayela.	Wosula ibhodi.
Bhuti	Wosula ibhodi.	Wosula iidesika.
Toto	Wosula iidesika.	Uvala iifestile.
Liso	Uvala iifestile.	Uyankcenkceshela.

13.1 Ngubani onkcenkceshelayo ngoLwesibini?

_____

13.2 Ngubani owosula iidesika ngoMvulo?

_____

13.3 Kufuneka enze ntoni uBhuti ngoMvulo?

_____

Jonga lo mfanekiso ulandelayo uze uphendule imibuzo 14 – 15.



14. Lo mfanekiso ungentla usibonisa ntoni?

_____

15. Bhala izinto zibe mbini ezingumahluko phakathi kwehlobo nobusika.

_____

_____

Luphelile uvavanyo!
Enkosi